



Government Gazette

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Vol. 708

Cape Town
Kaapstad

13 June 2024

No. 50814

THE PRESIDENCY

No. 4964 13 June 2024

It is hereby notified that the President has assented to the following Act, which is hereby published for general information:—

Act No. 27 of 2024: Gold and Foreign Exchange Contingency Reserve Account Defrayal Amendment Act, 2024

IHHOVISI LIKAMONGAMELI

No. 4964 13 Junie 2024

Ngalokhu kwaziswa ukuthi uMongameli usewuvumile loMthetho nosewuzoshicilelelwa umphakathi:—

No. 27 Ka 2024: Umthetho-sihlomelo we-akhawunti egcinelwe okungehla kwigolide norhwebo-mali namanye amazwe, 2024

ISSN 1682-5845



9 771682 584003



5 0 8 1 4



AIDS HELPLINE: 0800-0123-22 Prevention is the cure

UMHLATHANA WENGCACISO:

- [] Amagama agqamileyo abiyelwe ngezibiyeli ezizikwere abonisa amagama atshintshiweyo kulawo wokuqala.
- Amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi ngomgca ongqindilili abonisa izinto ezifakelweyo kuleyo ibikhona.

(English text signed by the President)
(Assented to 11 June 2024)

UMTHETHO

Ukuhlomela uMthetho we-Akhawunti eGcinelwe okuNgehla kwiGolide noRhwebo-Mali namanye Amazwe, ka-2003, ukuze kunikezwe iindleko ezizizo nguNongxowa weSizwe ngeemfuno zeBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika nokunikeza ingxelo ke ngoko; kwakunye nokunika imiba engenelelayo apho.

UKUBA ZENZIWE yiPalamente yeRiphabliki yoMzantsi Afrika, ngolu hlobo lulandelayo:—

Ukufakelwa kwesolotya 2A kuMthetho 4 ka-2003

1. Eli solotya lilandelayo lithe ke ngoko lafakelwa emva kwesolotya 2 loMthetho we-Akhawunti eGcinelwe okuNgehla kwiGolide noRhwebo-Mali namanye Amazwe, ka-2003 (uMthetho No. 4 ka-2003):

“Iindleko ezithe ngqo zemfuno yeBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika

2A. (1) Ingeniso-mali eyi-R100 billion, ethe yanikwa iNgxowa yeSizwe esuka kwi-akhawunti uMthetho we-Akhawunti eGcinelwe okuNgehla kwiGolide noRhwebo-Mali namanye Amazwe ngonyaka-mali ka-2024/25, ngokulandela isivumelwano esiphakathi kukaNongxowa weSizwe kunye neBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika, nanjengoko kudakaciwe kwisolotya 28(2)(b) loMthetho weBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika, ka-1989 (uMthetho No. 90 ka-1989), njengeendleko ezithe ngqo zonyaka-mali ka-2024/25 ngokuchasene neNgxowa yeSizwe ngeemfuno zengxowa-mali eselugcinweni zeBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika kwaye kumele zinikelwe kunyulo lukaNongxowa weSizwe.

(2) Umyinge wemali, onikwe iNgxowa yeSizwe osuka kwi-akhawunti eGcinelwe okuNgehla kwiGolide noRhwebo-Mali namanye Amazwe kuwo nakowuphi na unyaka-mali olandela u-2024/25, nanjengoko oku kudakaciwe kwisivumelwano esikwisolotyana (1), ziindleko ngqo zonyaka-mali ochasene neemfuno zobeko lwemali ecaleni kwiNgxowa yeSizwe ngenxa yeemfuno nemiqathango yeBhanki enguVimba yoMzantsi Afrika kwaye kumele zinikelwe kunyulo lukaNongxowa weSizwe.

(3) Iindleko ezithe ngqo ngokwemimiselo ekwisolotyana (1) okanye (2), kumele zibonakale kwingxelo yekota elandelayo ezokwenziwa nguNongxowa weSizwe eyenzela iKomiti esisiGxina kuLwabiwo lweBhunga leSizwe kwakunye nakwiKomiti eKhetihweyo yoLwabiwo lweBhunga leSizwe lamaPhondo.”

Short title

2. This Act is called the Gold and Foreign Exchange Contingency Reserve Account Defrayal Amendment Act, 2024.

Isihloko esifutshane

2. Lo Mthetho ubizwa ngokuba nguMthetho-Sihlomelo we-Akhawunti eGcinelwe okuNgehla kwiGolide noRhwebo-Mali namanye Amazwe, ka-2024.

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001
Contact Centre Tel: 012-748 6200. eMail: info.egazette@gpw.gov.za
Publications: Tel: (012) 748 6053, 748 6061, 748 6065